Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porofensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

AMANQAKU: **100**

IXESHA: **3 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowu tshati/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

1.1 Ndisacinga nanamhlanje oku ukuba ndasinda njani **[50]**

1.2 Ubomi esinobuphila lungekho ulwaphulo-mthetho **[50]**

1.3 Ulimo lungundoqo kwimpilo yoluntu jikelele **[50]**

1.4 Intaka evuka mva ikholwa zizagweba **[50]**

1.5 Inani labantwana abahlala ezitratweni liyanda mihla le **[50]**

1.6 Amaphulo okuphucula iziphumo zabafundi bebanga le-12 ayanceda nangona ... **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.



[Ucatshulwe kwi-intanethi www. images.com.] **[50]**

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.8



[Ucatshulwe kwi-intanethi www. images.com.] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: IMIHLATHI

UMBUZO 2

Khetha imihlathi ibeMIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Isikolo sakho besihanjelwe sisikhulu seSebe LezeMfundo size kunika iingcebiso abafundi bebanga le-12 ngezinto amabazenze ukuze baphumelele emagqabini.

Bhalela umhlobo wakho okwafunda eli banga umxhobise ngolwazi olufumeneyo umcebise ukuze aliphumelele emagqabini ibanga le-12. **[25]**

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari kaSomashishini obexhasa isikolo sakho kwezothutho lwabantwana ukuya esikolweni . **[25]**

2.3 I-IMEYILE ESESIKWENI

Bhalela uMphathi wakwaNASFAS ucele inkxaso- mali yokuqhubeka nemfundo yakho kumaziko aphakamileyo kunyaka ozayo. **[25]**

2.4 I-AJENDA NEMIZUZU

UnguNobhala wekomiti yabafundi besikolo sakho, bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso emalunga nezinto eninokuzenza ukugcina isikolo senu sicocekile. **[25]**

2.5 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo ephakathi kukaSine obona kukuhle ukukhethelwa ngumzali ikhondo amakalilandele kunye noCebisa ongavumelani nembono yokukhethelwa ngumzali. **[25]**

2.6 INTETHO ESESIKWENI

Umzi wakwaVodacom uphe isikolo sakho iithabhulethi zokuncedisa abafundi . Bhala intetho esesikweni oza kuyidlulisa njengosihlalo wekomiti yabafundi ngosuku lokunikezelwa kweethabulethi ubulele inkampani yakwaVodacom ngenkxaso abayezenzele isikolo.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.